

u Mongameli lowo oko ebesema Xoseni, nako Rev. P. Mzi- mba no J. K. Bokwe, W. K. Ntsikana no W. Gqoba, no J. J. Adams ngemizamo yabo kwelase Maxoseni ukupakamisa ipiko lozilo nokutyumza i-Ahushetane (2 Kings xviii 4) yoselo. Ite ke i Komiti,—“Pambili mabandla akowetu makawe lo Ahushetane woselo.”

Ingxelo yo Mongameli equkumbela ngokucela ama Tempile ukuba amane epuma ipulo zonke inyanga, eshumayela uzilo kwinto yonke enxilisayo. Abangatandiyo ukungena etempileni abenze i Blue Ribbon nokuba yi “Red” nokuba lulupina olunje upawu lobuzili.

#### ABATUNYWA NGABABINI.

Abatunywa (*delegates*) mabanyulwe ngababini noko amnye oyakuza endlwini enkulu, ukuze akuxakeka omnye abe nokuza omnye.

#### INDLU ENKULU.

Ngonyaka ozayo indlu enkulu iyakuba se Dikeni. Namhla kuxeliwe e Xukwane.

Imizamo yokulungiselela indleko zaba tunywa bendawo nge ndawo ibifanele ukuqala kwa ngoku ; ngoluhlobo:— Zonke i Tempile—eyase Dikeni kunye namasebe ayo, eyase Mgqwakwebe ne Xukwane namanye amasebe, mazimise I Komiti, inye i Tempile imise amadoda nokuba matatu okuyila amaqinga. Kumiswe indawo ekunga hlanganwa kuyo kanye ngenyanga ezintatu kuqalwe nge Queen's Birthday (24 May 1888) nange Holiday ka July, neka September neka December.

#### ODADE

Nabo banga eyabo i-Komiti bacebisane ngendlela ezinokucingwa ngabo bodwa zokuyolisa intlanganisano yendlu enkulu. Emhlabeni apa andikaboni nto ilunga ingenabo odade pakati kwayo. Ne Palamente yeli lizwe sikala nje yoze ilunge mhlana ingenwa ngama ninakazi. Yendele kangako inkolo yam ko dade. Ndolindela ukuviswa zi G. T. T. ne G. S. kunye ne C. T. ze Tempile amagama ezo Komiti, ndiya kuvuya ukuba kuko icebo endinga zinika Iona.

Ndipele ndingayigqibanga imicimbi ngokuba mininzi kwayo kodwa ndiziquale zonke intloko. “Tembekani edingeni enilenzileyo.”

I. WAUCHOPE

R. W. Sec.

#### IMBALI YOKUFIKA KWE LIZWI KWA XOSA.

[JOHN M. VIMBE.]

Ndivuyiswa lixesha lokuvela kwam kwelilizwe, ute u Mni- ni ntozonke ukundibumba kwake wandibumba ngexesha Inkutumela kwake Ilizwi lake ezweni lakowetu. Ekute ke ekufikeni kwalo nabafundisi. Aza amakosi etu abamkela, nditi ke ukuzibaliselele izihlobo zam. Kwafika umfundisi ndiyinkwenkwana, bekute ngapambi kokufika komfundisi lowo kwavuka u Nxele umfo ka Balala no Ntsikana umfo ka Gaba. Kwabe kukuqala kokubona kwam Ilizwi, ndiyifunela kuleminyaka, iminyaka yobupolofiti balomadoda, kulo we 1814 nakowe 1815, umfundisi lowo bendite wafika, ndingati wafika ngalonyaka we 1816, ukuba andiposisi. Wafika waka kwa Sihota, igama lake bekutiwa ngama Xosa ngu SODYOYI. Emva kwake kwafika u Rev. Mr. Brownlee, ngalonyaka we we 1820, ukuba andiposisi.

Mandingene ekuqaleni kokuliva kwam elilizwi lika Ndingokoyo. Kwafika u Ntsikana evela e Gqora, wafika waka kwa Mankazana, owakowetu umzi use Jadu, umfula ongena kwa Mankazana. Wabe esiti u Ma kwakufika i Sabata, ahambe nam ukuya etyalikeni kwa Ntsikana. Ityalike yakona yayisenzelwa ngapantsi komqonci, izitulo ingamatye. Ekuziboneni kwam sasingati sintanganye no Dukwana, u Kobe emkulu kunati. Ndandilivela ebudengeni elilizwi lo Menzi wetu ngeloxesha. Akahlalanga kakulu u Ntsikana kwa Mankazana, kwati ngalonyaka we 1824 ekupeleni kwawo wesuka u bawo no Nxe, beza esikolweni sase Gwali, sangena ku Matshaya, ama Ntsikana ese wonke, epetwe ngu Palaza, Hogu, Xelewa, Rwxana, Mazaleni, Noyi, Matshaya, Peyi, Siginye, Mtyobile, Nginya, Tamo, Velem, Qalanga. Aye epetwe yinto ka Ntsikana u Kobe, indoda elunge kakulu ngemvelo, pezu kokuba bebencole kangaka abantu abatsha besosikolo ngenkohlakalo yabo.

Afika ama Ntsikana e Gwali u Mr. Brownlee epahlwe ngama Lawo akwa Sihota esosikolo sase Gwali sikubizwa kubini, kwatiwa elinye icala lomzi kuse Magwangqeni, kwatiwa elinye lelama Ntsikana. Izizalo ezikulu ebendiziva kulo makolwa eloxesha zizo

ezi ayesiti ukwaluka sisono, nokulobolisa, nokududa, nozi- tembu. Savela ke nati sangena kwakulo ndlela, sati ke zonke ezizinto ziyimivuyo sazibiza ngokuti zizizono. Ati okolwe esemtsha elizwini, ati akukangela ekutshileni kwa- ba kweta, nokuba kusemdudweni kuze kube yinto enkulu leyo, aze abe yinto yokukutshwa nase rementeni, ndisaba- beko ngapandle abafundisi abamhlope kwezi zinto. Nam ke ndingomnye wabebesitsho ukuti ezizinto zikukona, sisi- tsho singabuzanga nase lizwini le Nkosi, u Ndingokoyo, ohleli eko kwizizukulwana ngezizukulwana.

Ndinemivuyo emikulu kwanemibulelo emikulu ngoku- gcinwa kwam ngu Menzi wento zonke, ondigcine ndada ndakubona nokuguqulwa kwe Lizwi lake lonke ngenteto yetu. Elilizwi lifike naba Fundisi. Lifike sinemiteto yetu eyahlukanisiweyo kweminye, eti umntu akuyapula abe netyala, engaziwa mntu ukuqaleka kwayo, elilizwi lika Ndingokoyo elafika naba Fundisi, ekuliguquleni kwabo ngenteto yabo, lifike lati kwezizinto esiti zikukona, lafika nalo lati zonke ezizinto zikukona, ozenzayo unetyala lokuba asiwe emlilweni, ezinje ngobusela, nokurexeza, nokubulala, nobuxoki, namanye amanyala akule ncwadi ye Levitikusi xviii. 6—30 izinto ezingapandle kokwaluka, nokududa, nokulobola, ezizinto esite zikukona lingatshongo Ilizwi lika Menzi. Utsho u Msindisi ukuti imisebenzi ka Yise iha- mba ekukanyeni.

#### INCWADI ZABA BALELI.

#### IMBALI KA NONGQAUSE.

MNUMZETU.

Ibali elibonakele kwi *Sigidimi* sika March no April, eli ngokux'elwa kwe Nkomo, ndililese ngomxelo wonke, kuba ucukumise kwindawo esake sabambana ngayo nonib'ali otile, ndaye ke ndike ndazikataza ngokuzamela ukuyifumana eyona nyaniso, mayela nesizatu sokuxelwa kwazo inkomo. Indawo enda ndipikisa yona kulonteto eya yibalisa ngo Nongqause yileyo yokuba kusitwa kwaku nxanyelwe IMFAZWE— “ *Driving, the white man into the sea.* ” Nantso intetwana abati ababalisi nge mbali yokuxelwa kwe nkomo baye kupela kuyo bonke aba balisi aba ngaba hlobo betu abamhlope, sendingati basulelene ngesi siteto. Isi xaki kum saba sesokuba ati um-Xosa xa aya emfazweni aqale ngoku bulala inkomo, acite ukudla. Buza kum-Xosa ukuba, wenza nganina lento um-Lungu oyisayo? Ukukupendula uya kuti,—Kwenziwa, kukuba engalambi, ukudla kwahlala kuyitungele imikosi. Nguwo umbuzo wokub'ekiswa kubanini balenteto— Angatinina ukubub'isa e- yona nto ibiya kuxasa neyona kweyiswa ngayo ngabe yisayo—kudla? Wolwa njani xa erenywa lipango? Lembuzo yendaka ndayibekisa kulom- balisi nditeta ngaye. Ukupendulwa kwam ndalatiswa imbali ebalwe ngu Rev. J. A. Chalmers—“ *Life of Tiyo Soga* ” apo akoyo lomazwi: Ndati ukudluliswa apo ndanelkelwa amazwi ekutiwa abalwa ngu Mrs C. Brown- lee. Ebalisa ngokuputa kwe yelenqe elo ekutiwa kwakuyilwa Iona ngama wetu. Mandiwabale kwa ngenteto abalwe ngayo, ngawola ke, “ *The back of the plot was broken, the simultaneous action of the tribes had been thwarted, and war was no longer imminent.* ” Mandinga fumane ndizidube ngento oyaziyo nawe mnumzetu, indawo endicela yona mna yeyokuba upakele umzi wase Mlungwini ibali lika Nongqa- use, njengoko laziwa ngako kwa Xosa kukade belahlekisana. Malinge- ne elibali kwi *Christian Express* “ njengoko linjalo. Umzi omhlope walahlekiswa mpela yilenteto ingena siseko ukuvuma ukuba nabo ngo- kwabo ababali balamazwi babelahlekiswe kunga yinto elungileyo. Into- angaba woyikisela yona ngokungaxeli okoyo namhla, yintu lento ilizwi labo lingamkelwayo, lokuba ngenene babelinde ukuvuka ko nina kulu? Ndim owako.

WM. PHILIP.

Gwaba. 16th April 1888.

[Siyavumelana nombaleli wetu obekekileyo ngendawo angayo. Inye into esimcela ukuba ayenze, kukusinceda ngoku libala elibali ngokwa- ke ngesi Ngesi, nokuba aguqule eli selike labonakala e *Sigidimini*, aze- ke altumelele kuti solicelela indawo kwi *Christian Express*.—ED. *Sigi- dimi*.]

#### APRIL, 1888.

Ngama.	Umlambo.	Ihlaulelwe. Inani
Hon. C. Brownlee	King. Wm's. Town	Dec. 1887 0 6 3
Mr. J. M. Fisher	Lovedale	Sept. 1888 0 6 0
„ Alfred Balfour	Bedford	„ 1888” 0 3 10
„ Cengani Nkosana	Glenthorn, Bedford	Dec. 1888” 0 5 0
„ Charles Mbete	Kimberley	„ 1887 0 5 0
„ Joel Gdwana Herschel		Dec. „ 0 5 0

Elipepa lishicilelwa E-Lovedale Institution ekuqalekeni kwe nyanga.